URhulumente weNtshona Koloni
EzeMlungo

ISALANTHISO: 20110725-0055
13/12/45

IMIBUZO: Oscar Apollis
Nariman Khan **IFONI:** 021 467 2597 **IFEKSI:** 021 467 2573

INGCACISO EMFUTSHANE YECANDELO LOCWANGCISO LOLAWULO NOKUPHATHWA KWAMAZIKO: 0006/2011

IYA: KUBALAWULI ABAZIINTLOKO, KUBALAWULI (KWANDLUNKULU NAKWII-OFISI ZEZITHILI ZEMFUNDO), KWIINGCALI ZEMFUNDO EZIZIINTLOKO, KWIINTLOKO ZOQUQUZELELO NENGCEBISO NGEZEKHARITYHULAM, KUBAPHATHI BEEKOMITI ZEESEKETHE, KWIINTLOKO ZOQUQUZELELO NENGCEBISO NGEZE-IMG, KUBAPHATHI BEZE-IMG, KUMASEKELA EENGCALI ZEMFUNDO EZIZIINTLOKO, KUBAQUQUZELELI BEEMVAVANYO NAKUBACEBISI NGEZEKHARITYHULAM

UKUHLAZIYWA NOKUNGENISWA KWESICWANGCISO SESIKOLO SOKUQULELA OKUNGEKEHLI (*CONTINGENCY PLAN*)

1. Le ngcaciso imfutshane isebenza njengesaziso esiya kuzo zonke izikolo zeSebe leMfundo leNtshona Koloni sokuba zihlaziye zize zingenise **isicwangciso sokuqulela okungekehli sesikolo (*school contingency plan*)**.

2. NgokweSaziso sikaRhulumente 22754 (No. 1040) kunye nangokoMthetho i-*Occupational Health and Safety Act*, izikolo mazibe nesicwangciso sokhuseleko, emasibandakanye oku kulandelayo:

   - **Inkcazo yomgaqo-nkqubo**
   - **Ingcaciso ngesakhiwo ngokubanzi**
     - Indawo esikuyo, uhlobo lomsebenzi esiwenzayo, inani labaqeshwa, igumbi lolawulo xa kuvele imeko kaxakeka (*control room*)
   - **Iplani yesiza sesikolo**
     - Ukuma kwezakhiwo zesikolo neendlela (*roads*) ezilapho
   - **Iplani yomgangatho**
     - Iplani yesakhiwo (iiplani zezakhiwo), ebonisa iindawo zokuphuma kwisakhiwo ngexesha likaxakeka nendawo igosa lemeko kaxakeka elijongene nayo
     - Iplani yesakhiwo (iiplani zezakhiwo), ebonisa izicima-mlilo (*fire extinguishers*), izixhobo zoncedo lokuqala, iindawo zokuphuma ngexesha likaxakeka kunye nezinto ezisetyenziswayo eziyingozi
   - **Amalungu ezolawulo lwemeko kaxakeka**
     - Amagama, imisebenzi neenombolo zoqhagamshelwano zawo
   - **Izoyikiso neziphumo ezinokulindeleka kunye neendlela zokuzithibaza**
   - **Iinkqubo zokuhlangabezana nemeko kaxakeka zokuqulela izinto ngezinto ezinokwehla**
     - Iintshukumo zogwayimbo nokukwaya umsebenzi (*strikes and stay-aways*)
     - Izoyikiso zesiqhushumbisi
     - Izikhukula
     - Ubugewu (*gangsterism*)
     - Umlilo, njl. njl.
   - **Imisebenzi neendima zamalungu ekomiti yemeko kaxakeka**
   - **Iilisti yazo zonke iifoni zemeko kaxakeka.**

3. Isicwangciso sokuqulela okungekehli masibe yinxenye yesicwangciso sokuphucula isikolo (*school improvement plan*).

4. Ziyacelwa izikolo ukuba zingenise isicwangciso sazo sokuqulela okungekehli esihlaziyiweyo kuMququzeleli weZikolo eziKhuselekileyo weSithili ungadlulanga owe- 31 Oktoba 2011.

5. Ukuba ufuna uncedo, kucelwa uqhagamshelane noMququzeleli weZikolo eziKhuselekileyo weSithili, okanye no-Oscar Apollis okanye noNariman Khan kwezi nombolo zefoni 021 467 9367/ 2597/ 2790.

6. Okuqhotyoshelwe apha yithempleyithi oyithunyelelwayo eya kukunceda wenze okanye uhlaziye isicwangciso sokuqulela okungekehli sesikolo sakho.

ISAYINWE: NGU-PA VINJEVOLD
INTLOKO: YESEBE LEMFUNDO
UMHLA: 2011:09:05

Grand Central Towers, Lower Parliament Street, Private Bag X9114, Cape Town 8000
Nceda ubhale iinombolo zesalathiso kuyo yonke imbalelwano
Employment and salary queries: 0861 92 33 22
Safe Schools: 0800 45 46 47

La maxwebhu alandelayo abhekisele kule kwingcaciso.
Sebenzisa i-*Adobe Acrobat Reader*® ukuwafunda okanye ukuwaprinta.
Klikha kwisihloko esingezantsi: uxwebu luya kuvula i-*Acrobat Reader*® apho unokugcina okanye uprinte ikopi.
Ukubuyela kule kwingcaciso, klikha kwi logo ye-*WCED Online* ephezulu kwesi sikrini.
"*Appendix A - Contingency plan template*" (ubukhulu: 74 KB)

nyuka

Byela emva Close this Minute Maak omsendbrief toe